Isalathiso: 20171205-7620
12/3/14
Imibuzo: R Leukes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0019/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo, nakuzo zonke iiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, ezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezezikolo ezizimeleyo ezineBakala R

Isihloko: Elona nani liphezulu labafundi kwiklasi yeBakala R nganye

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lizibophelele ekuqinisekiseni ukuba kufikelela wonke umntwana kwiBakala R.

2. ISetyhula 0037/2017 yanika izikolo ingcaciso emalunga nokufumana ileta yesabelo-mali seMimiselo neMigangatho kwi*CEMIS*, engenkxaso-mali yeBakala R ngomfundi ngamnye ngo-2018, engenkqubo yokwenza amabango nemihla yokungeniswa kwanokusetyenziswa kwenkxaso-mali yeBakala R.

3. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukukhumbuza zonke izikolo ngeSetyhula 0010/2014 yeBakala R yomhla we-25 Matshi 2014 **(eqhotyoshelweyo B)**, nekucaciswe oku kuyo kumhlathi 8: “Isayizi yeklasi enabafundi abangaphezu ko-30 inefuthe elibi elithi lichaphazele umgangatho wemfundo kwiklasi yeBakala R. Ziyakhunjuzwa izikolo ukuba elona nani liphezulu labafundi beBakala R livumelekileyo ngeklasi nganye ngu-30. Umlinganiselo wenani kaTitshala noMfundi = 1:30.”

4. Izikolo ezibhalisa ngaphezu kwabafundi abayi-30 ngeklasi yeBakala R nganye, ziya kuba zophula uMgaqo 9(2)(a) we-Migaqo *Regulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure,* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 37081 ye-29 Novemba 2013

5. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abachaphazelekayo kwimfundo yeBakala R kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwizikolo ezizimeleyo zeMfundo noPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-12-15